# Ufikile ! Udubulesendlwini bac'ol'i nto emnyango ! Kuse beyifanisa (New Year).

Yimbongikazi Nontsizi Mgqwetto.

Bhota ! 1924 ! Siyakubulisa !
Mdaka omashiy' apele nqayini
Yinyuse ingxelo iye ko Pezulu
Usitetelele ude ucokise.

Camagu ! Awu ! Camagu 1924 !
Lunguzani ipumile Inkwenkwezi
Mayihle pezu ko Maxeke, B.A.
Yiyo indoda eyaz' amazibuko.

Yeke yafunza kakubi satsho sadideka
Into eyatimla ijong' ezintilini
Vulindlela ! Kwakona nto ka Maxeke
Ade no King George abeke Isitampu.

Wake wafunza kakubi kwaquma utuli
Sasakuva sesibanjwa ngamadindala
Nokuba ndibonganga ndikubongile
Awu ndakubeka ndibbeka emlungwini

Yivani ! Ndinityele hina ma Afrika
Yaqengqelekana yonke Iminyaka
Nixele inkumbi zifel' emcingeni
Nidumb' amaqeba ngumbus' onikuwo.

Buya ! Nonyaka nje wa Ngwevu yakuti
Uzikatulil' ingoma zeminyaka
Sukuti akungexwebi usisityebi
Nanko ! U 1924 kawumhlole.

Make simbulele ! U Duma Barwaqele
Ufile omnye unyaka sisapilile
Camagu ! Ke ! Awu ! So Lesabonkolo
Zitibe nentshaba kweyetu immango.

Siyakubulisa ! 1924
Ntloyiya ontusi wakude e Afrika
Uzube ngu Mceya ongangenizembe
Ubinze ngomkonto kutshe nemilambo.

Yaqengqelekana ! Yonke Iminyaka
Umi ndaweninye wa Ngwevu yakuti
Nyusa amakwenkwe aye entilini
Abantwana be Nkosi bayapela zingcuka.

Siyakuncoma noko 1923
Kayakulu lilumlel' abantwana
Tu ! Nazipitipiti unyaka wonke
Taru ke ! Ndlovu eyadla igoduka.

Uze uqonde mhlope 1924
Tina ma Afrika sihamba ngentswazi
Tina asivari Zimbongi zangoku
Apo sikona—wotyiwa nazizinja.

Xa usituma siyokukubuzela
Tina magcisa sakukubulalisa
Uze wolule intamo xa usukayo
Ungapambani nengcuka zigoduka.

Kodwa vela ! Kwezi lonyaka omtsha
Upume entangeni wabe inkomo
Nabo Ubukosi—1924
Namhlanje abantu bangabako.

Uzungafani neminye Iminyaka
Vela nentwentsha Emzantsi we Afrika

Uzikonyele nezisihla zodaka
Uzikonyele nenkunzi ezikude.

Siyabulisa !—1924
Nkungu eselundini ngqele ese Zulwini
Awu ! Nzulu zomanyano yihla ngemilambo
Uyoba zingqimba pezu kwe Afrika.

Dubula usendlini ! Sicolinto epandle
Ngwe entsha ezayo ngawayo amabala
Imkile nemfene ebindizimasa
Ukuba ndinomntu ngeyeyiputuma
Awu !

Kauvelele !—1924
Ukuhlutwa ko Bukosi namakaya
Mazibhang' ezomdala kuvele ezomtsha
Awu ! Tsheli ! Mikayeli vela usilamlele

Uze ugqume enkungwini kuvele ilanga
Ngonyama yesixeko sase Afrika
Ngonyama yesixeko sama Afrika
Ungalala endleleni ulahlekile.

Tyapile ! Ufike 1924,
Imbongi azingebongi lungakanani ;
Mazitsale ifolosi ! Zide ziguqe,
Kona kuyoba mnandi kuma Afrika.

Awu ! Yatsho i Drummond Castle,
Yakwa " Chizama ;"
Inkomo enobuqqi benyamakazi.

Camagu !

Umteteli wa Bantu (Johannesburg) January 5th, 1924.